



Ikamva-Ukunonophela  
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Inkonzo yethu yobungcwalisa**

# Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi **“Inkonzo yethu yobungcwalisa.”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kuzenza ngaso isifundo.

**Uzilungiselela usibeke njani na isifundo**

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp:  <a href="https://bit.ly/3NACSSHS">https://bit.ly/3NACSSHS</a></p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• iBhayibhile</li> <li>• Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe</li> <li>• Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neependulo, iikhrayoni, njl.</li> <li>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongezwayo / sisixhobo esongezelwayo sokuzikhethela</li> <li>• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso)</li> </ul> <p><b>Qaphela:</b></p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!          ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasini ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



# Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. <b>Umzekelo:</b> Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



## Isifundo

<b>Isihloko seSifundo</b>	Inkonzo yethu yobungcwalisa
<b>Imibhalo yeBhayibhile</b>	Yohane 16: 13, 2 Korinte 13: 14 kunye neZenzo 2: 42
<b>Injongo yesifundo</b>	Abantwana bayaqonda ukuba iinkonzo zobungcwalisa zisebenzela ukugqibelelisa imiphefumlo yabo.

## Isishwankathelo sesifundo:

Ulungiselelo ngaphambi kwenkonzo yobungcwalisa:

- Isibingelelo silungiselelwe inkonzo yobungcwalisa
  - Ø IBhayibhile ibekwe phezu kwesibingelelo.
  - Ø Iindebe zomthendeleko zile zilungisiwe.
  - Ø Isibingelelo sihonjiswe ngeentyatyambo.

Ayisiso kuphela isibingelelo esilungiselelwe inkonzo yobungcwalisa. Nomnye umsebenzi nawo wenziwe.

- Isakhiwo siyakhathalelwa kwaye
- Inkonzo icocwa rhoqo.
- Xa singena enkonzweni siyabuliswa emnyango.

Konke oku kunegalelo kumalungiselelo esakhiwo senkonzo ukulungiselela inkonzo yobungcwalisa.

### Sizilungiselela njani kwinkonzo yobungcwalisa?

Inkonzo yobungcwalisa ikukuhlangana phakathi koThixo nabantu.

- Sinxiba ngendlela efanelekileyo endlwini kaThixo.
- Siyazi ukuba sidinga ilizwi likaThixo, ukuxolelwa kwezono, kunye noMthendeleko oNgcwele.
- Sithandaza phambi kwenkonzo yobungcwalisa kwaye sizame ukuzibhekelisa kumsebenzi wesiqhelo sobomi bemihla ngemihla.
- Sithe cwaka silindela ukuqala kwenkonzo yobungcwalisa kwaye sizixakekise ngeculo lokuvula.

### Inkqubo yenkonzo yobungcwalisa:

Iinkonzo zethu zobungcwalisa zinendlela emiselweyo eziqhutywa ngayo:



- Iculo lokuvula licwangcisa imo yenkonzo yobungwalisa - kukho ikhonkco phakathi kweculo nentshumayelo.
- Umthandazo wokuvula - uqala ngamagama okuqala: “Egameni likaThixo uYise, noNyana, noMoya oyiNgcwele...”. Ke ngoko, yonke into kwinkonzo yobungwalisa yenzeka phantsi kwegunya likaThixo. Ngomthandazo wokuvula sifuna unxibelelwano noThixo.
- Ilizwi lebhayibhile – isifundo sithatyathwa kwiBhayibhile kwaye sisebenza njengesiseko selizwi / intshumayelo.
- Kumabandla amaninzi ikwayala ixhasa intshumayelo yeenkokheli ngamaculo afanelekileyo.
- Intshumayelo sisibhengezo selizwi likaThixo. Iinkokheli, ziphenjelelwa nguMoya oyiNgcwele, zifundisa ivangeli. Funda **uYohane 16:13**
- Iculo lenguquko - lazisa umbhuyozo woMthendeleko oNgcwele.
  
- Lilandelwa nguMthandazo weNkosi othandazwa kunye njengebandla, apho sivuma izono zethu.
- Ukuxolelwa (ukuxolelwa kwesono) liyanikezelwa, kwaye noxolo lwaLowo waVukayo luyavakaliswa.
- Umthandazo woMthendeleko ngumthandazo wombulelo olandela uxolelo lwezono. Siyabulela ukuba u Yesu wazisela idini lobingelelo, ukuba wamisela ibandla wathumela-kwaye usathumela - abaPostile.
- Ukungcwaliswa kwezinto zesonka newayini (isonkana esisicaba), umzimba negazi likaYesu Krestu ziya zibakho.
- Ngokufumana uMthendeleko oNgcwele, samkela indalo kaYesu kuthi kwaye sifumana amandla okoyisa. Ikwaqinisekisa ubudlelwane obuqhubekayo noKristu.
- Inkonzo yobungcwalisa iphela ngomthandazo - umbulelo ngobukho bukaThixo, nangeLizwi kunye nesakramente. Oku kulandelwa zizicelo zethu kunye nabamelwane bethu kunye nesicelo sentsikelelo kaThixo kwiminikelo yethu.
- Ufefe - intsikelelo: “Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu, nothando lukaThixo, nobudlelane boMoya oyiNgcwele mabube nani nonke. Amen” (2 Korinte 13:14).
- Kwinkonzo yobungcwalisa, ezi zenzo zilandelayo zinako ukwenzeka:
  - Ø Ubhaptizo olungcwele, uTywino oluNgcwele kunye nesiQinisekiso senzeka phambi kokuba ibandla lifumane uMthendeleko oNgcwele.



Ø Zonke ezinye iintsikelelo zenzeka emva koMthendeleko oNgcwele (ezinje ngeentsikelelo zomtshato, iintsikelelo zesikhumbuzo somtshato, ukuthanjiswa kwezisebenzi, njl.njl)

Ukutyelela rhoqo iinkonzo zobungcwalisa kubalulekile kum. Ngoba?

- Ndinobudlelane noThixo oziqo zithathu.
- Ndifumanisa ngothando lukaThixo kwaye ukholo lwam luyomelezwa.
- Ndiyaziswa ngezono zam kwaye ziyaxolelwa.
- Ndifumana uMthendeleko oNgcwele, ogcina ubudlelwane obuqhubekayo kunye noYesu Krestu, kubalulekile emphefumleni wam.
- iisakramente zithululwa apha.
- ibonelela ngobudlelane nabantwana bakaThixo apha nakwintlalo yabalele ukufa.

**Zenzo 2: 42: "Baye bezingisa ukuhlala emfundisweni yabapostile, nasebudlelaneni, nasekuqhekezeni isonka, nasemithandazweni."**

**UTHixo ulindele ukuzingisa kuthi kwezi ndawo zibalulekileyo.**

## **Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?**

- Ukubaluleka kokulungiselela kwam iinkonzo engcwele.
- Ukuqonda intsingiselo yomyalelo kucwangco lwenkonzo yobungcwalisa. (Ucwangco lengqubo yenkonzo)
- Ukuqonda ukuba kutheni ndityelela iinkonzo zobungcwalisa.



## Umsebenzi wosapho

Nanku kulandela umsebenzi wosapho lonke:

Tshatisa umba kuluhlu oluku A nengcaciso yoluhlu oluku B. Emva koko cwangcisa amacandelo ngokolandelelwano oluchanekileyo ngokweziganeko zenkonzo engcwele.

Uluhlu A	Uluhlu B
1. UBawo Wethu	A. Isebenza njengesiseko selizwi
2. Ufefe	B. umzimba negazi likaYesu Krestu zibakhona kwisonka newayini
3. Ukungcwaliswa koMthendeleko oNgcwele	C. kukubhengeza nokufundisa ngevangelini
4. Intsikelelo emva komthandazo weNkosi	D. Idala imeko yenkonzo yobungcwalisa
5. Ikwayara	E. ikhuthaza ubudlelane noYesu Krestu
6. Ilizwi leBhayibhile - isifundo	F. idala imo yokubhiyozela uMthendeleko ongcwele
7. Intshumayelo	G. ngale nkono yobungcwalisa iqala; sifuna uThixo
8. Umthandazo wokuvula - "Egameni likaThixo uYise, loNyana, loMoya oyiNgcwele"	H. Umthandazo siwenzela kunye apho phakathi kwezinye izinto sivuma izono zethu
9. Umthandazo wentsikelelo (Eucharist Praye)	I. Ukubulela, izikhalazo kunye nokuthandazela thina kunye nabamelwane.
10. Ukubhiyozela uMthendeleko oNgcwele	J. ukuvakaliswa koxolelo lwezono egameni likaYesu Krestu
11. Iculo lokuvula	K. ixhasa ukukhonzwa kweenkokheli
12. Iculo lenguquko	L. ukubonakalisa umbulelo ngedini likaKristu, ngokusekwa kwebandla kunye nokuthunyelwa kwabaPostile.
13. Umthandazo ekupheleni kwenkonzo yobungcwalisa phambi koFefe	M. UThixo ubuyela kuthi asiqinisekise ngobabalo lwaKhe, uthando nobudlelane baKhe



## **Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:**

*Thixo othandekayo, enkosi ngale mini*

*Sikelela bonke abazali kunye nabantwana*

*Kunga singeva ubukho bakho*

*Sikelela isifundo esiya kuba naso*

*Nceda usifundise sikukhonze njani*

*Kwaye sincede senze intando yakho*

*Ukuze sisondele kufuphi kuwe*

*Thumela uYesu ukuze asiphuthume*

*Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe*

*Amen*